



Learning to share

As adults we know that being able to share is an important life skill, and part of this is learning to take turns with others. When you regularly spend time reading with your children, not only do you develop them as readers, you also have an excellent opportunity to show them how to share and take turns.

Taking turns helps you to create a partnership with your children around books. It means that you can share the power to make decisions about what you will read and how to spend your reading times. And so, exploring books becomes something you really do together!

Here are some ways in which you can share and take turns as you read together.



CHOOSING STORIES

- ★ Take turns choosing books. Sometimes invite your children to choose the storybooks you'll read together. At other times, you can choose a storybook that you'd like to read to them.
- ★ Take turns between reading your children's favourite stories and sharing a book that none of you has read before.
- ★ Take turns telling each other stories. Share "old" stories that you remember hearing before, or new ones that you have made up yourselves!

Ukufunda ukwabelana

Thina bantu badala siyazi ukuba ukukwazi ukwabelana bubuchule bobomi obubalulekileyo, kanti inxenye yako kukufunda ukunikana amathuba nabanye. Xa uchitha ixesha rhoqo ufundela abantwana bakho, akubaphuhlisi njengabafundi kuphela, kodwa uphinda ube nethuba elibalaseleyo lokubabonisa indlela yokwabelana nabanye nokunikana amathuba.

Ukunikana amathuba kukunceda ngokudala ubuqabane nabantwana bakho ngokubhekiselele ezincwadini. Oku kuthetha ukuba unakho ukwabelana nabo ngegunya lokwenza izigqibo malunga nento eniza kuyifunda nangendlela eniza kuchitha ngayo amaxesha enu okufunda. Ngoko ke, ukuphicotha iincwadi kuba yinto eniyenza kunye ngenene!


Nazi ezinye iindlela eninokwabelana neninokunikana ngazo amathuba xa nifunda kunye.

UKUKHETHA AMABALI

- ★ Nikanani amathuba okukhetha iincwadi. Ngamanye amaxesha mema abantwana bakho ukuba bakhetha iincwadi zamabali eniza kuzifunda kunye. Ngamanye amaxesha, unakho ukukhetha incwadi yamabali onqwenela ukubafundela yona.
- ★ Nikanani amathuba phakathi kokufunda amabali athandwa ngabantwana bakho nokwabelana ngencwadi ekungekho namnye kuni owakhe wayifunda ngaphambili.
- ★ Nikanani amathuba okubalaselana ngamabali. Baliselanani ngamabali "akudala" enikhumbula ukuba nakhe naweva, okanye nokuba ngamatsha eniziqambele wona!

READING TOGETHER

- ★ As you read books together, take turns "reading" the words. Sometimes invite children who can already read, to read the words of one of the characters in the story. Encourage children to join in when you read repeated phrases or sentences in a story. For example, in the story, *The three little pigs*, the wolf repeatedly says, "I'll huff and I'll puff and I'll blow your house down."
- ★ Taking turns is not only for older children. Get babies or toddlers involved in helping you read the story by asking them to turn the pages for you!
- ★ Invite children to share their opinions and ideas while you help them think about the stories you read together. Ask questions like, "What do you think of ...?", "Why do you think they said/did that?" and "What would you have said/done if that were you?"
- ★ Remember to allow your children to ask their own questions about the stories – and then work out the answers to their questions together.



UKUFUNDA KUNYE

- ★ Xa nifunda iincwadi kunye, nikanani amathuba "okufunda" amagama. Maxa wambi mema abantwana bakho asebekwazi ukufunda, ukuba bafunde amazwi omnye wabalinganiswa abasebalini. Khuthaza abantwana ukungenelela xa ufunda amabinzana amagama okanye izivakalisi eziphinda-phindwayo ebalini. Umzekelo, ebalini elithi, *lihagwana ezincinane ezintathu*, ingcuka ithi ngokuphinda-phinda, "Ndiya kufutha futhi ndimpakuze kwaye ndiyivuthele iwe indlu yenu."
- ★ Ukunikana amathuba asiyonto yabantwana abasebethe dlundlu kuphela. Khuthaza iintsana okanye abantwana abancinane bazibandakanye ekuncediseni xa ufunda ibali ngokubacela ukuba bakutyhilele amaphepha!
- ★ Memam abantwana ukuba babelane ngezimvo nangeengcinga zabo ngelixa nawe ubancedisa ngokucinga ngamabali eniwafunde kunye. Buza imibuzo efana nale, "Nicinga ntoni nga ...?", "Nicinga ukuba kutheni ethethe oko/enze oko?" futhi "Ubuya kuthini/kwenza ntoni ukuba ibinguwe lowo?"
- ★ Khumbula ukuvumela abantwana bakho ukubuza imibuzo yabo malunga namabali – nize nicinge ngeempendulo zemibuzo yabo kunye.



At your reading club

Take turns at your reading club.

- ★ Sometimes you can choose the book to read aloud to the children and at other times you can ask them to choose.
- ★ Always allow some time during your weekly reading club session for the children to choose books they want to look at and/or read on their own or in pairs.



Kwiklabhu yakho yokufunda

Nikanani amathuba kwiklabhu yenu yokufunda.

- ★ Ngamanye amaxesha ungakhetha incwadi yokufundela abantwana ngokuvakalayo kanti maxa wambi ungabacela bayikhethe.
- ★ Kwiveki nganye kwiithuba leklabhu yenu yokufunda yiba soloko ubeka ixesha lokuba abantwana bazikhethele iincwadi abafuna ukuziqwalasela kunye/okanye abaziqwalasela ngabanye nokuba bakwenza oko bezizibini.



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGBALI.

Reading club corner



Ikona yeklabhu yokufunda

Holiday programmes provide opportunities for reading club members to continue enjoying and exploring stories during the school holidays. They can also introduce other children to the joy of stories!

Here's a countdown checklist to help you prepare for your holiday programme.



6 weeks before

- Find a venue that is safe and has enough space.
- Find volunteers who can help you run the programme.
- Invite different authors, illustrators, storytellers and/or actors who could talk to the children and share stories with them.
- Speak to people at libraries and schools, and to individuals who can lend or donate books, magazines or stationery.



4 weeks before

- Draw up a draft programme of activities for each day.
- Advertise the holiday programme at schools, libraries and local shops.
- Ask shops and members of the community to donate healthy snacks for the children to enjoy each day.



2 weeks before

- Decide which stories will be told or read, which songs and games to use, and which activities and resources are needed for each day.
- With the volunteers, practise reading the stories and doing the programme activities so that you know how much time is needed for each.
- Finalise the programme.
- Have a sign-up day. Make sure that parents/caregivers complete and sign all the necessary forms.
- Once you know how many children will be attending the holiday programme, decide how many resources you need for each activity.
- Start collecting the resources.



1 week before

- Collect the rest of the resources you will need.
- Prepare anything special that you may need for the activities. (For example, staple blank pages together for children to use to create their own storybooks.)



The day before

- Prepare the venue! Put up posters. Create different activity areas, for example, use a blanket and cushions to create a reading area.
- Make sure that you have everything at the venue for the first day's activities.
- Make sure that you have enough snacks and drinks, toilet paper and bin bags.



linkqubo zeeholide zinika amathuba okuba amalungu eklabhu yokufunda aqhube ngokonwabela nokuphicotha amabali ngethuba leeholide zesikolo. Banakho nokwazisa abanye abantwana ngolonwabo lwamabali!

Nalu uluhlu lokubala ukukunceda ukulungiselela inkqubo yakho yeeholide.

Kwiveki ezi-6 ezingaphambili

- Fumana indawo yendibano ekhuselekileyo nenendawo eyaneleyo.
- Fumana amavolontiya anokukunceda ukuqhuba inkqubo.
- Mema ababhali, abazobi, oonobalisa kunye/okanye abadlali baseqongeni abahlukahlukeneyo ukuba bathethe nabantwana ngokunjalo babelane nabo ngamabali.
- Thetha nabantu kumathala eencwadi nasezikolweni, ngokunjalo nabantu abanokubolekisa okanye banikele ngeencwadi, ngeemagazini okanye ngezinto zokubhala.

Kwiveki ezi-4 ezingaphambili

- Yila inkqubo yemisebenzi yosuku ngalunye.
- Thumela izaziso malunga nenkqubo yeeholide ezikolweni, kumathala eencwadi nasezivenkileni zendawo.
- Cela iivenkile namalungu oluntu ukuba anikele ngamashwamshwam afanelekileyo anempilo ukuze abantwana bonwabele usuku ngalunye.

Kwiveki ezi-2 ezingaphambili

- Yenza isigqibo ngokuba ngawaphi amabali aya kubaliswa okanye aya kufundwa, zeziphi iingoma nemidlalo enokusetyenziswa, ngokunjalo nokuthi yeyiphi imisebenzi nemithombo yoncedo edingeka ngosuku ngalunye.
- Nikunye namavolontiya, ziqhelaniseni nokufunda amabali nokwenza imisebenzi ekwinkqubo ukuze nazi ukuba lingakanani ixesha elidingekayo ngomsebenzi ngamnye.
- Qoshelisa inkqubo.
- Yiba nosuku lokusayina. Qiniseka ukuba abazali/abancedisi babantwana bazalisa baze basayine zonke iifomu eziyimfuneko.
- Wakuba usazi ukuba bangaphi abantwana abaza kuya kwinkqubo yeholide, yenza isigqibo ngokuba mingaphi imithombo yoncedo oyidingela umsebenzi ngamnye.
- Qalisa ngokuqokelela imithombo yoncedo.



Kwiveki enye engaphambili

- Qokelela yonke imithombo yoncedo oya kuyidinga.
- Lungisa nantoni na eluhlobo olulodwa onokuyidingela imisebenzi. (Umzekelo, dibanisa amaphepha angenanto ngesixhobo sokudibanisa amaphepha ukuze abantwana bawasebenzisele ukwenza iincwadi zamabali ezizezabo.)




Kusuku olungaphambili

- Lungisa indawo yendibano! Xhoma iipowusta. Yenza iindawo ezahlukeneyozokusebenza, umzekelo, sebenzisa ingubo nemiqamelo ukuze wenze indawo yokufunda.
- Qiniseka ukuba ninako konke okufuneka kwimisebenzi yosuku lokuqala kwindawo yendibano.
- Qiniseka ukuba ninamashwamshwam neziselo ezaneleyo, iphepha lendlu yangasese neengxowa zemigqomo yenkunkuma.

How will you be spreading a love of stories and reading? Go to www.nalibali.org to find out what Nal'ibali will be doing and how you can join in!

Uya kulusasaza njani uthando lwamabali nokufunda? Yiya ku-www.nalibali.org ukuze ufumanise ukuba uNal'ibali uya kuba esenza ntoni kananjalo nokuthi ungazibandakanya njani!



Drive your
imagination

Stories@school

Book displays invite children to try out books! They highlight the books that are available for them to choose from when they want to read.

Display books that you want the children to notice. These may be books related to a particular holiday, celebration or a theme. Or, create a display of books that have been read and reviewed by the children!

Remember!

- ✍ Display books in all the languages the children speak.
- ✍ Include the books that you have read aloud so that the children can explore these on their own and with friends.
- ✍ The display needs to be at the children's head height so that they can see and reach the books easily.
- ✍ Keep the display interesting and fresh by changing the books every week or every two weeks. (You can reuse books as part of a later display.)

Besides using traditional bookshelves or a small, low table, there are other attractive ways to create a book display. For example:

- ✍ Hang picture books over a washing line strung low from one side of the classroom to the other.
- ✍ Make bookshelves from plastic guttering attached to a wall and display books on these.
- ✍ Use an old kitchen dish-drying rack and display some of the books in the slots usually used for plates.

If you are unable to create a permanent display, then create a display area that can easily be packed away. Place a large piece of fabric, a carpet offcut or an old tablecloth on the floor and spread out the books you want to display on this. Make sure the front covers of the books are facing upwards.



Amabali esikolweni

Imiboniso yeencwadi itsala umdla wabantwana ukuba bakunxanelwe ukufunda iincwadi! Le miboniso iqaqambisa ukuba iincwadi ziyafumaneka kwaye nabo banokwazi ukukhetha ezo bafuna ukuzifunda ngokwabo.

Bonisa iincwadi ofuna abantwana baziqaphele. Ingaziincwadi ezininto yokwenza neholidi ethile, umbhuyo okanye umxholo. Okanye wenze umboniso ngeencwadi esezikhe zafundwa, zaphengululwa ngabantwana!

Khumbula!

- ✍ Bonisa iincwadi ezibhalwe ngazo zonke iilwimi zabantwana.
- ✍ Quka kanye nezo ncwadi ubuzifunde ngokuvakalayo ukwenzela ukuba abantwana bakwazi ukuzifundela ngokunokwabo nabahlobo babo.
- ✍ Kufuneka ubude bomboniso lowo bube ngangobude babantwana ukuze bakwazi ukuzibona nokufikelela kuzo lula.
- ✍ Gcina umboniso unomtsalane kwaye udlamkisa ngokutshintsha iincwadi rhoqo ngeveki enye ukuya kwezimbini. (Ungazisebenzisa iincwadi kwakhona njengenxalenye yomboniso ozayo).

Ngaphandle kokusebenzisa iishelufa zeencwadi zesiqhelo okanye itafile encinci ephantsi, zikhona nezinye iindlela ezitsala umdla zokwenza umboniso weencwadi. Umzekelo:

- ✍ Xhoma iincwadi zemifanekiso kwilayini yoxhoma impahla qha uzithobe ezantsi ukusuka kwelinye icala leklasi ukuya kwelinye.
- ✍ Yenza iishelufa zeencwadi ngegathari yeplastiki encanyathiselwe eludongeni uze uxhome iincwadi kuyo.
- ✍ Sebenzisa ireke endala yasekhitshini yokomisa izitya uze uxhome ezinye iincwadi kwiziloti zayo ezidla ngokusetyenziswa xa kuxhonywa iipeyithi.

Ukuba akukwazeki ukwenza indawo yomboniso esisigxina, yenza indawo yomboniso ekunokuba lula ukuyisusa. Yandlala phantsi ilaphu elikhulu, imethi esikiweyo okanye ilaphu letafile elidala uze usasaze iincwadi ofuna ukuzibonisa apha. Qiniseka ukuba amaqweqwe angaphambili eencwadi ajonge phezulu.

WIN! WINA!




For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Small Bird's big adventure* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), and email it to team@bookdash.org, or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). (Your review could be published in a future Nal'ibali Supplement!) Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali elithi, *Isenzo esikhulu sobudelangozi sikaNtakazana* (amaphepha 5, 6, 7, 8, 11 nele-12) uze ulithumele ngeimeyile ku-team@bookdash.org, okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). (Uphengululo lwakho lungapapashwa kuHlelo oluzayo lukaNal'ibali!) Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.

book
dash




Get creative!



Audio stories are a wonderful way to keep your children entertained, especially when you are busy with something else or they have to sit still for a long time, like when you're on a long journey in a bus or car!

You can download audio stories in different languages from the "Story resources" section of the Nal'ibali website (www.nalibali.org), but you can also use your cellphone to create your own stories together with your children! Here's how.

1. Choose a story that you all enjoy.
2. Together, practise reading it aloud. Make sure that there is something for everyone to read or do.
 - ★ Decide who will read or say which bits of the story. Will they do this on their own or with someone else?
 - ★ Use different voices for different characters.
 - ★ Add sound effects, like someone walking along a path, thunder or the wind blowing.



3. Practise reading the story with sound effects several times until everyone is comfortable with their part.
4. Use a cellphone to record you and your children reading the story.
5. Enjoy listening to it again and again!

Sebenzisa ubugcisa bakho!

Amabali aphulaphulwayo ayindlela emangalisayo yokugcina abantwana bonwabile ngakumbi xa wena usaxakeke yenye into okanye xa befanele ukuba bahlale phantsi ixesha elide, njengaxa nikuhambo olude ngebhasi okanye ngemoto!

Unakho ukuziphakela amabali aphulaphulwayo ngeelwimi ezahlukahlukeneyo kwicandelo elithi "Story resources" kwiwebhusayithi kaNal'ibali (www.nalibali.org), kodwa unakho nokusebenzisa iselfowuni yakho ukuze niyile amabali angawenu nikunye nabantwana bakho! Ningenza ngolu hlobo.

1. Khethe ibali eninokulonwabela nonke.
2. Nikunye, ziqhelaniseni nokufunda ngokuvakalayo. Qinisekisa ukuba wonke umntu unento anokuyifunda okanye anokuyenza.
 - ★ Yenza isigqibo ngokuba ngubani oya kufunda okanye oya kubalisa waphi na amasuntswana ebali. Ingaba uza kukwenza oku yedwa okanye enomnye umntu?
 - ★ Sebenzisa amazwi ahlukahlukene ngabalinganiswa abahlukahlukeneyo.
 - ★ Fakela iimpembelelo zezandi, njengaxa umntu ehamba endleleni, iindudumo okanye ukuvuthuza komoya.

3. Ziqhelanise nokufunda ibali apho ufakela khona iimpembelelo zezandi kumaxa aliqela ade wonke umntu azive eyonwabela indawo yakhe.
4. Sebenzisa iselfowuni ukuzirekhoda wena nabantwana bakho xa nifunda ibali.
5. Yonwabela ukumana uliphindaphinda ukuliphulaphula!

Easy sound effect ideas

A bird's wings flapping: Flap some sheets of paper.

Rain falling: Hit your thighs lightly with your hands.

Walking through tall grass: Put thin strips of newspaper in a plastic packet and gently hit or press the packet.



Izimvo ezilula ngeempembelelo zezandi

Ukubhabhazela kwamaphiko entaka: Bhabhazela amacwecwe ephepha.

Imvula enayo: Betha amathanga akho kancinane ngeezandla zakho.

Ukuhamba phakathi kwengca ende: Faka amacwecwana ephephandaba epakethini yeplastiki uze uyibethe kancinane okanye ucinezele ipakethi.

Create TWO cut-out-and-keep books

Hippo and his friends

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

Small Bird's big adventure

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

Imvubu nabahlobo bayo

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.

Isenzo esikhulu sobudlangozi sikaNtakazana

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukuhlula amaphepha.



Drive your imagination





Small Bird landed in
 a huge forest, filled
 with trees and flowers
 and treasure. He loved
 playing with the shiny
 jewels! But where was
 the giant?

UNtakazana wehlela
 kwihlathikazi, elinemithi
 neentyatyambo
 ezishinyeneyo nobutyebi.
 Wayekuthanda ukudlalisa
 ngezihombiso ezinxitywayo
 ezibengezelayo! Kodwa
 laliphi izim?



Small Bird's
 big adventure
 Isenzo esikhulu sobudela-
 ngozi sikaNtakazana



Wesley van Eeden
 Nick Mulgrew
 Jennifer Jacobs



Lots more free books at bookdash.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuselela nokwendeliselela inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




Drive your
 imagination




UNtakazana wabhabela phezulu
kakhulu wade wafika kwindawo
apho wayebona khona lonke
ihlabathi. Wayefuna ukufumana
izim. Wayeza kwehlela phi?

Small Bird flew up and up until
he could see the whole world. He
wanted to find the giant. Where
would he land?



Small Bird was a small bird. He was
very small and very birdy.

UNtakazana wayeyintaka
encinane. Wayemncinane kakhulu
eyintakazana ngokwenene.





The giant held Small Bird close to her.
“I love you too,” the giant said.


Izim lamgona uNtakazana.
“Nam ndiyakuthanda,” latsho izim.





Small Bird walked into a vast field of snow. The snow was white and soft. Small Bird loved rolling around on the cool ground. But where was the giant? UNtakazana wahamba waya emhlabeni omkhulukazi onekhophu. Ikhophu lalimhlophe lithambile. UNtakazana wayekuthanda ukuziqikaqika emhlabeni opholileyo. Kodwa laliphi izim?





Small Bird lived in a beautiful house with the giant. Small Bird loved the giant very much. She was a kind giant. She gave Small Bird lots of toys.

UNtakazana wayehlala endlwini entle nezim. UNtakazana wayelithanda kakhulu izim. Yayilizim elinobubele. Lalisipha uNtakazana izinto zokudlala ezininzi.





Small Bird landed right in the giant's hands! He was so happy to see her. "I love you, Giant!" he shrieked.





UNtakazana wehlela ngqo ezandleni zezim! Wavuya kakhulu akulibona. "Ndiyakuthanda, Zim!" watsho ehlahlamba.

Rhino loves to sleep. Do you?
 Umkhombe uyakuthanda ukulala. Wena?



Zebra loves to play. Do you?
 Iqwarhashe liyakuthanda ukudlala. Wena?

Elephant loves to drink. Do you?
 Indlovu iyakuthanda ukusela. Wena?



Lion loves to ROAR
 Do you? Ingonyama iyakuthanda UKROGOMA Wena?



We publish what we like

This is an adapted version of *Hippo and his friends*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from www.jacana.co.za. This story is available in all official South African languages. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Olu luguqulelo olulunga-lungisiweyo oluthi *Imvubu nabahlobo bayo*, kwaye lupapashwe yiJacana Media futhi lufumaneka kwiivenkile zeencwadi nakwi-intanethi ku-www.jacana.co.za. Eli bali lifumaneka ngazo zonke iilwimi ezisebuRhulumenteni baseMzantsi Afrika. AbakwaJacana bapapasha iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezisebuRhulumenteni baseMzantsi Afrika. Ukuze ufumanise okuthe vetshe ngezihloko zakwaJacana yiya ku-www.jacana.co.za.

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Hippo and his friends Imvubu nabahlobo bayo



Tuelo Gabonewe
 Alzette Prins
 Lungelwa Mfazwe-Mojapelo


Wena?
 ukunzola.
 Indlamthi iyakuthanda

Do you?
 s-t-r-e-t-c-h.
 Giraffe loves to



Wena?
 ukujinga.
 Inkawu iyakuthanda


Do you?
 swing.
 Monkey loves to



Hippo loves to
 splash.
 Do you?




Imvubu iyakuthanda
 ukugxampuza.
 Wena?



Okulandelayo, uNtakazana wasuka
 wantungela phezulu esibhakabhakeni.
 Wabhabela ezinkwenkwenzi
 nakwinqumba zeenkwenkwenzi
 ngaphayakwamajuku-juku! Wabona
 inyangal Wabona inqumbakazi ende
 yenkwenkwenzi! Kodwalaliphi izim?

Next, Small Bird flew even higher
 into the sky. He flew among the
 stars and galaxies! He saw the moon!
 He saw a comet! But where was
 the giant?



Small Bird dived down, down,
 down. Where would he land?




UNtakazana wadzulela ezantsi, ezantsi,
 ezantsi. Ingaba uza kwehlela phi?






Small Bird was sad when the giant wasn't around. So one day Small Bird flew off to find the giant.

Wayeba lusizi uNtakazana xa lingekho izim. Ngoko ke ngenye imini uNtakazana wabhabha waya kukhangela izim.



From way up high, with his sharp birdy eyes, Small Bird saw something! What could it be?

Esephezulu njalo, ngamehlo akhe abukhali entaka, uNtakazana wabona nto! Yayiyintoni bethu?



Get story active!




Yenza ibali linike umdla!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Small Bird's big adventure* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), *Hippo and his friends* (pages 9 and 10) and *The cat with the trombone* (page 14).

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *Isenzo esikhulu sobudelangozi sikaNtakazana* (iphepha lesi-5, lesi-6, lesi-7, lesi-8, le-11 nele-12), *Imvubu nabahlobo bayo* (iphepha lesi-9 nele-10) nelithi, *Ikati edlala ithromboni* (iphepha le-15).

Small Bird's big adventure

- ★ Use paper, cardboard, feathers and any other scrap materials you can find to create your own Small Bird character.
- ★ Use Plasticine or playdough to make the characters and objects in the story. Then use these to retell the story in your own way – and to make up your own stories.



Isenzo esikhulu sobudelangozi sikaNtakazana


- ★ Sebenzisa iphepha, ikhadibhodi, iintsiba kunye naziphi na iziqwengana zezinto ezingasetyenziswayo onokuzifumana ukuyila umlinganiswa wakho onguntakazana.
- ★ Sebenzisa usingadongwe wePlasticine okanye intlama yokudlala ukwenza abalinganiswa nezinto ezisebalini. Emva koko zisebenzise ezi zinto ekubaliseni ibali kwakhona ngendlela yakho – kananjalo nokuyila amabali angawakho.

Hippo and his friends

Create your own ending to the story by adding some text to the last page. Write something in each of the speech bubbles below and then write a sentence or two under the picture. (You might need to go back and read the story first.)

Imvubu nabahlobo bayo

Yila esakho isiphelo sebali ngokufakela itekisi kwiphepha lokugqibela. Yiba nento oyibhala kwiqamza lentetho ngalinye elingezantsi uze ubhale isivakalisi okanye ezibini ngaphantsi komfanekiso. (Mhlawumbi kungadingeka ukuba ubuyele emva ukuze uqale ufunde ibali.)



The cat with the trombone

- ★ Create a poster to advertise a concert by the animal band. Think about the information people will need about the concert. You could also make up a clever and interesting name for the band and include this on your poster.
- ★ Write a letter or an email to the animal band to ask them to sing at a wedding. Remember to include details, like the wedding venue, time, how the animals should be dressed and what kinds of songs they should play.



Ikati edlala ithromboni

- ★ Yila ipowusta apho wenza khona isaziso ngekonsathi yeqela lomculo lezilwanyana. Cinga ngeenkukacha eziza kudingwa ngabantu malunga nekonsathi. Ungaqamba negama leqela lomculo eliphaphileyo nelinomdla futhi ukuquke oku kwipowusta yakho.
- ★ Bhalela iqela lomculo lezilwanyana ileta okanye i-imeyile ulicele ukuba licule emtshatweni. Khumbula ukuquka iinkukacha, ezifana nendawo oqhutyelwa kuyo umtshato, ixesha, indlela ezifanele ukunxiba ngayo izilwanyana nokuba zifanele ukudlala eziphi iintlobo zeengoma.





The cat with the trombone

By Shasha Seakamela Illustrations by Johann Strauss



Once upon a time a farmer in Moletjie, Limpopo, held music auditions. The farmer was looking for a great singer who could also play music very well. He wanted the winner of the audition to perform at his wedding.

The farmer called the animals together. "Please listen carefully to everything I say," he said. "Tomorrow, I want you to come to the community hall to try out in the music audition. I want you to be clean and look good. You must be able to sing and play music well, and I want you to be interested in what you are doing. Come and show me how good you are."

All the animals listened to him and nodded.

The next day the first animal to audition, was the dusty donkey who had brought his guitar with him. Donkey was given a song sheet to follow. He started playing his guitar:

*Twing! Twing! Taaar!
Twong! Twong! Tuu!
Blong! Blong! Beeeee!*

Then he started singing too:

*Oooh! Oooh!
Oooh! Ooooh!*

The farmer liked the donkey's music, but he was not happy that the donkey was dirty and dusty. "I like your music. You are a very good guitar player, but you are too dusty to sing at my wedding." The farmer thanked the donkey and let him go.



Next to audition was the chewing cow. She had brought a marimba with her. She was also given a song sheet to follow.

The cow started playing her marimba:

*Donk! Donk! Daah!
Dong! Daah!
Pong! Pong! Piiih!*

Then she started singing too:

*Mooooo! Mooooo! Oooh!
Mooooo! Mooooo! Oooh!
Mooooo! Mooooo!*

The farmer was happy with the cow's marimba playing, but he did not like it that she chewed while she was singing. "You are a great marimba player," said the farmer, "but you are not serious about what you are doing. You shouldn't chew while you are singing." The farmer thanked the cow and let her go as well.



Next came the cheeky, muddy pig with a big drum. The pig walked up to the donkey and cow. He started by telling them that he was the best and he would be chosen to sing at the farmer's wedding. Then the pig told the donkey and cow to leave immediately because they shouldn't waste any more of their time.

The pig started playing his drum:

*Baah! Boom! Baah!
Boom! Baam! Boom!
Bom! Bom! Bom!*

Then the cheeky, muddy pig started singing too:

*Ooiiiooiiiooiii! Ooiiiooiiiooiii!
Ooiiiooiiiooiii! Ooiiiooiiiooiii!
Grooor! Gruuur! Grrrr!*

After he had finished his song, the farmer said, "You played your drum well, but you are very rude and you don't look after yourself. You are muddy and smelly." Then the farmer thanked the pig and let him go as well. The pig was sad, especially when the cow and donkey laughed at him as he left the audition hall.



Next to come to the stage was the cat. She had brought a trombone with her. The cat wanted to make sure that she was very clean. Before she went on stage, she licked her fur until it shone.

The cat started playing her beautiful trombone:

*Meaaaaaaaaau! Meaaaaaaaaau! Meaaaaaaaaau!
Grrrrgrrrraaau! Meaaaaaaaaau! Grrrrgrrrraaau!
Meaaaaaaaaau! Meaaaaaaaaau! Meaaaaaaaaau!*

Sometimes she would play the trombone very high and sometimes very low. Sometimes



she danced too. The farmer clapped his hands at every sound the cat made. He was very happy because he had found the animal who would perform at his wedding.

"You look very clean," said the farmer. "I like the way you played your trombone. You have a great talent. You also showed great interest in your music. I choose you to play at my wedding in Polokwane next week."

The donkey, the cow and the pig wanted to know what the cat had done to be chosen.

"You must always look clean and show interest. You must also show that you enjoy your own performance. Make sure you follow the song sheet and look professional when you perform," the cat said.

The donkey, the cow and the pig looked so sad that they had not been selected to sing at the farmer's wedding, that the cat felt sorry for them. Then she had an idea! She asked them if they would all like to join her and form a band! They were so pleased.

"We must start practising our songs right away. We have one week," the cat said to the donkey, cow and pig. The group practised every day.

On the day of the farmer's wedding, he was surprised to see all the animals together on the stage. They all looked very clean. The cow had also stopped chewing and the pig had stopped being cheeky.

With the cat on the trombone, the pig on the drum, the donkey on the guitar and the cow on the marimba, the music began!


The band started their first song:

*Oooh! Oooh! Oooh! Ooooh! Prrrrrrrrrr!
Mooooo! Mooooo! Moooo! Mooooo!
Booom! Booom! Booom! Ooiiiooiiiooiii!
Meaaaaaaaaau! Meaaaaaaaaau! Meaaaaaaaaau!
Grrrrgrrrraaau! Meaaaaaaaaau! Grrrrgrrrraaau!*

The farmer was so happy with the music the band played, that he invited the animals to sit at the table next to him for the wedding feast.

Everyone at the wedding enjoyed the music. They clapped their hands and danced to the music until the sun came up the next morning.

From that day on, the band received lots of invitations to perform at other weddings around Limpopo. The donkey, pig and cow thanked the cat for helping them and they all became great friends.



Drive your imagination



Ikati edlala ithromboni

Libali likaShasha Seakamela ■ **Imifanekiso izotywe nguJohann Strauss**
■ **Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi**



Kudala-dala umfama waseMoletjje, eImpopo, wabamba uvavanyo lweemvumi. Umfama lo wayekhangela imvumi ephume izandla neyayikwazi ukudlala umculo ngokuncamisayo. Wayefuna ukuba ophumelele kolu vavanyo aze adlale emtshatweni wakhe.

Umfama waqokelela izilwanyana. "Ncedani niphulaphule ngononophelo into yonke endiyithethayo," watsho. "Ngomso, ndifuna nize kwihlo yoluntu nizokuzibonakalisa ukulunga kwenu kuvavanyo lomculo. Ndifuna nicoceke nikhangeleke kakuhle. Manikwazi ukucula nokudlala umculo kakuhle, yaye ndifuna nibe nomdla kwinto eniyenzayo. Yizani kundibonisa ukuba nilunge kangakanani na."

Zonke izilwanyana zamphulaphula zanzwala.

Ngosuku olulandelayo isilwanyana sokuqala ukuvavanywa, yaba yidonki enothuli eyayize nesigingci sayo. UDonki wanikwa uxwebhu lomculo amakalulandele. Waqalisa ukudlala isigingci sakhe:

Twing! Twing! Taaa!
Twong! Twong! Tuu!
Bhlong! Bhlong! Bhiiii!



Waza waqalisa nokucula naye:
Ooowu! Ooowu!
Ooowu! Ooowu!

Umfama wawuthanda umculo wedonki, kodwa wayengonwabanga yinto yokuba idonki yayimdaka inothuli. "Ndiyawuthanda umculo wakho. Isigingci usidlala kakuhle kakhulu, kodwa unothuli kakhulu ukuba ungadlala emtshatweni wam." Umfama wayibulela idonki wayikhulula ukuba ihambe.

Owalandelayo ukuvavanywa yayiyimazi yenkomo eyetyisayo. Yayize iphethe imarimba. Nayo yanikwa uxwebhu lomculo ukuba ilulandele.

Imazi yenkomo yaqalisa ukudlala imarimba yayo:

Donk! Donk! Daa!
Dong! Daa!
Pong! Pong! Piii!



Yaza yaqalisa nokucula:
Mhuuuuu! Mhuuuuu! Ooowu!
Mhuuuuu! Mhuuuuu! Ooowu!
Mhuuuuu! Mhuuuuu!

Umfama wayonwabale yindlela imazi yenkomo eyayidlala ngayo imarimba, kodwa wayengayithandi into yokuba yetyise xa iculayo.

"Ungumdlali wemarimba ophum' izandla," watsho umfama, "kodwa awubonakalisi kuzimisela kule nto uyenzayo. Awumelwanga ukuba uyetyisa logama uculayo." Umfama wayibulela imazi yenkomo wayikhulula nayo yahamba ngokunjalo.

Kwalandela ihagu enetshiki, enodaka iphethe igubu elikhulu. Ihagu yaya kwidonki nemazi yenkomo. Yaqala ngokubaxelela ukuba yona ingoyenayena yaye yayiza konyulwa ukuba icule emtshatweni womfama. Yaza ihagu yaxelela idonki nemazi yenkomo ukuba mabahambe ngoko nangoko kuba kungafuneki babe sazityela ixesha labo.

Ihagu yaqalisa ukudlala igubu layo:

Bhaa! Bhuum! Bhaaa!
Bhuum! Bhaam! Bhuum!
Bhom! Bhom! Bhom!



Yaza ihagu enetshiki, enodaka yaqalisa nayo ukucula:
Ooyiii ooyiio oyiii! Ooyiio oyiiio oyiii!
Ooyiio oyiiio oyiii! Ooyiii ooyii ooyiii!
Grooo! Gruuu! Grrrr!

Emva kokuba iligqibile iculo layo, wathi umfama, "Ulidlale kakuhle igubu lakho, kodwa ukwada yaye awuzihoyanga. Unodaka yaye uyanuka." Waza umfama wayibulela ihagu wayikhulula nayo ukuba ihambe. Ihagu yayilusizi, ngakumbi xa idonki nemazi yenkomo zazimhleka ngoku ashiya ihlo yovavanyo lomculo.

Elandelayo eqongeni yayiyikati. Yayize iphethe ithromboni. Ikati yayifuna ukuqinisekisa ukuba icoceke kakhulu. Phambi kokuba ikhwele eqongeni, yalenca uboya bayo bada bakhazimla.

Ikati yaqalisa ukudlala ithromboni yayo entle:

Nyaaaaaaaawu! Nyaaaaaaaawu! Nyaaaaaaaawu!
Grrrrrrraaawu! Nyaaaaaaaawu! Grrrrrrraaawu!
Nyaaaaaaaawu! Nyaaaaaaaawu! Nyaaaaaaaawu!



Ngamanye amaxesha yayiyidlalela phezulu ithromboni ngamanye amaxesha iyidlalele ezantsi. Ngamanye amaxesha yayidanisa nokudanisa. Umfama wayeqhwaba izandla ngesandi ngasinye ikati eyayisenza. Wayonwabe kakhulu kuba wayesifumene isilwanyana esasiza kudlala emtshatweni wakhe.

"Ukhangeleka ucoceke kakhulu," watsho umfama. "Ndiyayithanda indlela odlale ngayo ithromboni yakho. Unesiphiwo esikhulu. Ubonise nomdla omkhulu emculweni wakho. Ndikhetha wena ukuba udlale emtshatweni wam ePolokwane kule veki izayo."

Idonki, imazi yenkomo nehagu zafuna ukwazi ukuba ikati yenze ntoni ukuze ikhethwe.

"Kufuneka usoloko ukhangeleka ucocekile kwaye ubonisa umdla. Kumelwe ukuba ubonise ukuba uyakonwabela ukudlala kwakho. Qiniseka ukuba uyalandela uxwebhu lomculo ukhangeleke unguchwephetshe xa udlala," yatsho ikati.

Idonki, imazi yenkomo nehagu zakhangeleka zilusizi kakhulu kuba zingakhethwanga ukuba ziyokucula emtshatweni womfama, kangangokuba ikati yayibasizela. Yaza yanecobo! Yababuza ukuba bangathanda na bonke ukumjoyina benze ibhendi. Babengasavuyi ngako.

"Kufuneka siqale ngoku ukuziqhelisa iingoma zethu. Sineveki nje enye," ikati yatsho kwidonki, imazi yenkomo nehagu. Iqela laziqhelanisa yonke imihla.

Ngosuku lomtshato womfama, wamangaliswa kukubona zonke izilwanyana zikunye eqongeni. Zonke zazikhangeleka zicocekile. Imazi yenkomo yayiyekile ukwetyisa yaye nehagu yayiyekile ukuba netshiki.

Ikati idlala ithromboni, ihagu ibetha igubu, idonki idlala isigingci nemazi yenkomo idlala imarimba, waqalisa umculo!


Ibhendi yaqalisa ingoma yayo yokuqala:

Ooowu! Ooowu! Ooowu! Ooowu! Prrrrrrrrr!
Mhuuuuu! Mhuuuuu! Mhuuuuu! Mhuuuuu!
Bhuuum! Bhuuum! Bhuuum! Ooyiiiiooyiiiooyiii!
Nyaaaaaaaawu! Nyaaaaaaaawu! Nyaaaaaaaawu!
Grrrrrrraaawu! Nyaaaaaaaawu! Grrrrrrraaawu!

Umfama wayechulumance kakhulu ngumculo owawudlatwa yibhendi, kangangokuba wazimema izilwanyana ukuba zihlale kufutshane naye etafileni kwisidlo somtshato.

Wonke umntu emtshatweni wawonwabela umculo. Baqhwaba izandla badanisa ngesingaj somculo lada laphuma ilanga ngentsasa elandelayo.

Ukusukela loo mini, ibhendi yafumana izimemo zokuya kudlala kweminye imitshato eImpopo. Idonki, ihagu nemazi yenkomo zayibulela ikati ngokuzinceda baza bonke bangabahlolo abaseniyongweni.





Can you complete this story?

1. Write a word or a few words in each space below to make the beginning of the story more exciting to read.
2. Continue the story by telling it or writing it.



One afternoon, Neo and Priya went to the park to do their homework. They had to find out about the homes that different insects live in. Neo was walking _____.

"Hurry up, Neo," said Priya. "We have a lot to do!"

As soon as they reached the park, Priya ran over to a _____ pile of rocks.

She _____ picked up one of them and looked under it, but there was nothing there. Then she looked in the clump of _____ bushes.

"Nothing here either," shouted Priya to Neo who was standing under a _____ tree.

Then _____ Priya shouted, "Come and see, Neo! I've found a _____ songololo!"

But Neo did not move. He did not know how to tell Priya that he was scared of insects! "Don't worry. I'll wait for you here," said Neo still standing under the tree.

Suddenly, the leaves on one of the branches moved. Neo got a huge fright and ran over to Priya, but he tripped over a _____ stick and fell onto the _____ grass with a thump – right next to a _____ grasshopper!

"Eek!" Neo screamed _____.

Ungaligqibezela eli bali?

1. Bhala igama okanye amagama ambalwa kwisikhewu ngasinye esingezantsi ukuze uyile isiqalo sebali esichwayitisa ngakumbi xa sifundwa.
2. Qhuba ibali ngokulibalisa okanye ngokulibhala.



Ngenye imva kwemini, uNeo noPriya baya epakeni ukuze benze umsebenzi wabo wesikolo. Bebefanele ukufumanisa iinkcukacha ngamakhaya ezihlala kuwo izinambuzane ezahlukahlukeneyo. UNeo wayehamba _____.

"Khawuleza, Neo," watsho uPriya. "Mninzi umsebenzi esifanele ukuwenza!"

Bathe besandul' ukufika epakeni, uPriya ubaleke waya kwimfumba _____ yamatye amakhulu. Yena _____ uphakamise elinye lawo wajonga phantsi kwalo, kodwa kwakungekho nto. Emva koko ujonge kwiqela _____ lamatyholo.

"Nalapha akukho nto," ukhwaze watsho uPriya kuNeo owayemi phantsi komthi _____.

Emva koko _____, uPriya wakhwaza, "Yiza kubona, Neo! Ndifumene isongololo _____!"

Kodwa zange ashukume uNeo. Wayengazi ukuba angamxelela njani uPriya ukuba uyazoyika izinambuzane! "Ungakhathazeki. Ndiza kukulinda apha," watsho uNeo esemi phantsi komthi.

Ngephanyazo, kushukume elinye lamasebe. UNeo wothuka kakhulu wabaleka waze wagila uPriya, kodwa wakhubeka kuluthi _____ wawela phezu kwengca _____ ngesithonga – nje ecaleni kwentethe _____!

"Yho!" uNeo wakhala _____.



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust and Arena Holdings Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

The Herald

Sowetan
IN THE KNOW ON THE MOVE.

Nal'ibali